basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2017

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha ali-8.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

**Ukumakisha uvavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Ngokunjalo akukho manqaku anikwayo nakwezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye uYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

4. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

5. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

6. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zeengingqi.

7. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Yindawo apho umntu alulekwa khona.√ (1)

1.1.2 Linika ingcinga yokuba umntu uhlala eyinto engagqibekanga ukwakheka√√/ yokuba umntu uba nesimilo esingasulungekanga.√√ (2)

1.1.3. Umzi wakhiwa ngezitena nodaka ugqitywe kanti ikhaya alakhiwa ngazitena nadaka√√/ikhaya liyaqhubeka lisakhiwa ngeli xesha umzi sele wakhiwe wagqitywa.√√ (2)

1.1.4 Aligqitywa√/besakhana.√

[Nayiphina kwezi.] (1)

1.1.5 Kukuba baqinisekile ngokhuseleko lwabo kwizinto ezininzi.√ (1)

1.1.6 Ushiya kwanto angqale kokwabo.√ (1)

1.1.7 Ngokunika umntwana ulonwabo ngokupheleleyo nokuba sele ilikhaya lamahlwempu.√√/ ngokunika umntwana ulonwabo.√√ (2)

1.1.8 Yingcamango yokuba umntwana ungena edubulekile engankqonkqozanga ekhayeni lakhe ngenxa yebango analo kanti komnye umzi kunyanzelekile ukuba ankqonkqoze, alinde, amkelwe ukuze angene.√√ (2)

1.1.9 Ngokuthi ukutya kwakhe kugcinwe kugqunywe kakuhle ngocoselelo.√ (1)

1.1.10 Umntwana ongatyi zonke iindidi zokudla√/umntwana ongathandi konke ukudla√/umntwana ocekisayo.√ (1)

1.1.11 Loo mthwalo ngathi sisithuthi sikasomashishini.√√ (2)

1.1.12 Lelendawo yokulala.√ (1)

1.1.13 Ngokungaluthululi luphelele emntwaneni omnye uthando bekho nabanye√√/ bonke abanike indawo entliziyweni yakhe.√√ (2)

1.1.14 C√/C ukongeza√/ukongeza.√ (1)

1.1.15 Ndiyavumelana kuba xa umntu ekwikhaya elinothando lokwenene uyanela, akanasikrokro nokuba ukutya kuncinci.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba uthando lusenokubakho kodwa lulodwa alunakwanelisa mntu √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.16 Kumhlathi wesi-2 kuqaqanjiswe ngokuthi ikhaya likhusi kumntu walo kanti kumhlathi wesi-3 kuqaqanjiswe ngokuthi ikhaya lisoloko limamkela umntu walo√√/ kumhlathi wesi-2 uyabalekela kanti kowesi-3 uyangena nokuba akacelanga mvume.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Ngutata√/ngumama√/ngumntwana oyintombazana√/nomntwana oyinkwenkwe√/ kukho abasetyhini √nabangamadoda√/ ngabazali√ nabantwana√/ ngabantu abadala√nabaselula.√

[Nasiphi isibini.] (2)

1.2.2 Bonwabile√/bachwayitile√ kuba babonakala bencumile.√ (2)

1.2.3 Ngokuba onke amalungu osapho atya ukutya okufanayo√√/ onke amalungu osapho atyela ndaweninye.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

### Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha makuthathele ingqalelo ukufakwa kolwazi olunexabiso kwakunye nokususwa kolwazi olungenaxabiso.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

## QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ngumntu onjani ke lo kuthiwa yimbongi? Ngumnyulwa onganyulwanga mntu, owanyulwa zizinyanya zimnyulela isizwe, nguQamata ukutsho oko. ' | 1. | Imbongi ngumntu okhethekileyo owonyulwe zizinyanya noQamata. |
| 2. | Ngumntu okufutshane ngobukhulu kubantu abangabathanjiswa bakaQamata, iinkosi neekumkani. | 2. | Isondele ngobukhulu kwiinkosi. |
| 3. | 'Njengokuba imbongi ingumntu oyedwa wofika aba bantu baziimbongi nezithomo zabo zingathi zalungiselelwa lo msebenzi. Apho basebenza khona kuphakathi kwezihlwele ezingahlanganiswe ngumcimbi omnye, mhlawumbi owovuyo nolonwabo, owosizi, owonqulo neminye ke.' | 3. | Ngokomzimba ifanelene nomsebenzi ewenzayo kumcimbi othile. |
| 4. | 'Imbongi asimntu usebenza ngasicwangciso-nkqubo, le nto kuthiwa yi*programme.* Imbongi ngumntu oya kusuka ahlahlambe ngelo xesha kusuke kwafika ngalo into ethi makabonge. Nenzwi leyo uya kuzicelela ngendlela le awuvula ngayo umlomo.' | 4. | Imbongi ayihambi ngamigaqo imiselweyo xa kukho umsebenzi, iye idanduluke ibonge yakuchukumiseka. |
| 5. | 'Aba ngabantu abamazwi asuka abe ngathi alungiselelwa lo msebenzi. Uya kufika izizinto ezimazwi atsho kuhlokome iintili namawa apho zithe zayivula khona imilomo. Kunqabile ukuba uve imbongi etsho ngelizwana elikhenkcezayo okanye elideke-deke okanye elithintitha.' | 5. | Imbongi inelizwi elibukhali, elidubulayo nelivakalayo. |
| 6. | 'Esi siphiwo sokubonga sisiphiwo esihambelana nezinye iziphiwo zimenza lowo uyimbongi abe yiyo gqibi. Kufanelekile ukuba abe njalo kuba njengomntu ongumthunywa wezinyanya ngumntu ongumfundisi. Ufundisa ngeyona ndlela inyulu yokudla ubomi, ngumnqwanqwadi wezinto ezityekayo emendweni wonqulo. Ngumncomi nomkhuthazi wezo zithe tonono ukuhamba ngomendo wonqulo.' | 6. | Iba neziphiwo ezongezelelekileyo ezifana nokufundisa, ukuncoma nokukhuthaza impilo esulungekileyo. |
| 7. | 'Ingqondo kufuneka inkqenkqeze phambili, khon'ukuze akwazi ukubona ukuba isiganeko ngasinye siya kuzala nkomoni, aze alumkise, athuthuzele ngokuyibona kwakhe imeko leyo ingekabonwa ngamehlo abona kufuphi.' | 7. | Kufuneka imbongi ibe nengqondo ephalayo ukuze ibone iziganeko ezingekehli. |
| 8. | 'Neliso eli lenyama apha kwimbongi liliso elitsolo kakhulu. Kwizinto zendalo ezibonakala kumntu wonke imbongi yona wofika ibona izinto ezizezinye nezingabonwayo ngamehlo abanye abantu. Kubuhle bendalo esithi sityebise nje amehlo ngabo, imbongi yona iya kubona ubungangamsha beTshawe. Ubuciko bukwalapha.' | 8. | Imbongi ineliso elibukhali kakhulu kwanobuciko bokusebenzisa ulwimi ngezinto zendalo. |
| | **[220 amagama]** | | **[58 amagama]** |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCandelo C**

- **Upelo**
  - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
- Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

**UMBUZO 3**

3.1 Yifowuni√/yimfono mfono.√ (1)

3.2 Ngabantu abanqena ukuzicocela benayo imali√/ngabantu abanezindlu ezifuna ukucocwa benemali yoko.√ (1)

3.3 C√/C ukucoca kule nkampani yinto elula√/ukucoca kule nkampani yinto elula.√ (1)

3.4 Yingcinga ebethelelekileyo ngokwesini kuba lo mfanekiso unika ingcinga yokuba lo msebenzi ngowabantu basetyhini kuphela.√√ (2)

3.5. Baziingcungela√, banobubele.√ (2)

3.6 Ezona.√ (1)

3.7 Ngokubanika ulwazi ngenkampani enamaxabiso afikelelekayo.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Lwentetho esaqhubekayo.√ (1)

4.2 Sisixhobo sokutshintsha i*TV*√/ ziintambo ezingena kwi*TV*√/ ngumfanekiso we*TV* eze ngomva.√

[Nayiphina kwezi.] (1)

4.3 Yena ebengatshintshi tshaneli ye*TV* ehleli phantsi njengoSam ebehamba aye kwi*TV* ukuze ayitshintshe.√√ (2)

4.4 Kwakunyanzeleka.√ (1)

4.5 Akanaxesha lale nto ithethwayo√/akanamdla √/ukruqukile√/ uqumbile.√

[Nayiphi kwezi.] (1)

4.6 Liphephandaba.√ (1)

4.7 B√/B umzobi unenjongo yokugxeka√/umzobi unenjongo yokugxeka.√ (1)

4.8 Umyalezo wokuba abadala bahlalela ukugxekana nentlalo yabantwana bezixhasa ngexesha ababekhula ngalo√√/wokuba abazali bakholelwa ukuba abantwana baphila ntofo-ntofo kunabo.√√ (2)

**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 5.1.2 Galakangqa.√ (1)

5.1.2 Wayemhle kakhulu lo mfo.√√ (2)

5.1.3 Ikhola.√ (1)

5.1.4 Sisibizo.√ (1)

5.1.5 Intiyo.√ (1)

5.1.6 Ebusweni√ babetsho√ ngeziva.√ (3)

5.1.7 Sisivumelanisi sentloko.√ (1)

5.1.8 Ligatya elimele isibizo.√ (1)

5.1.9 C√/C isenzo senzeka macala√/isenzo senzeka macala.√ (1)

5.1.10. Tyhini **molo** √Thole! (1)

5.1.11 Isandla sikamama siyabonakala kwaba bantwana bakhe√/ Ndincede khawufake isandla kule mbiza iphekwa ngaba bafazi√/Isandla senqununu kule veki nguSoso.√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (1)

5.2 5.2.1 Abazali bayamonwabisa√/ bonwabise√ umntwana wabo√/abazali bonwabisa√ umntwana wabo√/Abazali bonwabela√ umntwana wabo.√

[Nayiphi kwezi.] (2)

5.2.2 Usapho olonwabileyo luthandeka kakhulu√√/ luthandeka kakhulu usapho olonwabileyo.√√ (2)

5.2.3 Ukugqwesa ebomini kuza kuzisa impumelelo√√/ ukugqwesa ebomini kuya kuzisa impumelelo√√/kuzozisa impumelelo.√√ (2)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**